



VAKALISA ULUVO LWAKHO! ISICWANGCISOBUCHULE ESILUYILO ESINGOKUCUTHA ISENZO SOKULALA ESITRATWENI KWABO BANGENAMAKHAYA

ISixeko saseKapa sihlaba ikhwelo ukuba uluntu luvakalise uluvo kwisicwangcisobuchule esiluyilo esingokuCutha isenzo sokuLala eSitatweni kwabo bangenamakhaya.

Isicwangciso esi esiluyilo sijolise ekuqulunqeni:

- ingcaciso yokungabinakhaya nokulala esitatweni ukuqinisekisa ukuba ezolawulom leSixeko nezinye izixhobo zocwangcisobuchule ezithi ziphendule ukuswela amakhaya, ezithi zisetyenziswe ngendlela efanelekileyo
- iinkqubo zeSixeko ukuze sichonge abo balala esitatweni ukuze sinikezele ngeenkono neeprowujekthi eziphunyezwe siSicwangciso saso soPhuhliso ngokuHlangeneyo (IDP) nolwabiwomali olwabelweyo
- indlela apho iSixeko siyakuthi sixhase ukugqithiselwa nokuhlanganiswa ngokutsha kwabo balala esitatweni kunye neentsapho noluntu lasekuhlaleni ngokubanzi
- lindima noxanduva lwabathathinxaxheba abohlukeneyo beSixeko saseKapa.
- uxanduva leSixeko ekuboneleleni ngesakheko esingundoqo esijoliswe kumabala akhuselekileyo kunye nokuzimisela ngokujoliswe kwiProwujekthi engamaBala aKhuselekileyo;
- Ukuzimisela kwindlela ethile (imodeli) ebandakanyayo ukuxhasa intsebenziswano phakathi kwabo bonke abo bathabatha inxaxhebo kwicandelo eli.

Amalungu oluntu kwiSixeko saseKapa ayamenywa ukuba angenise izimvo kumasipala ukususela ngowe22 kuTshaziimpuzi (Epreli) 2024 ukuya kowe22 kuCanzibe (Meyi) 2024, ucaphule "rough sleeping" ("ukulala esitatweni") njengesalathiso, ngokujoliswe kwiSicwangcisobuchule esingokuCuthwa kwesenzo sokuLala eSitatweni kwabo bangenamakhaya.

Izimvo, izilungiso okanye izindululo zingangeniswa:

- I-imeyile: Public.Participation@capetown.gov.za
- Izingeniso ezibhaliweyo: Kwiifosi zamabhungana
- Usebenzisa i-intanethi: www.capetown.gov.za/haveyoursay

IYunithi yeSixeko engeNtathonxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba ifumane izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kwiSixeko. Nceda ufowunele kwa 0800 212 176 ukuze ufumane uncedo.

Isicwangcisobuchule esiluyilo siyakuthi sifumaneke ukuba siphononongwe kwiwebhusayithi engu: www.capetown.gov.za/haveyoursay, kuwo onke amaBhungana nakuzo zonke izakhiwo zamathala eencwadi kwiSixeko siphela.

**LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO**
CTA31/2024



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.